higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 4

(4101244)

5 March 2018 (Y-Paper)
13:00–16:00

Olu viwo lunamaphepha ali-16 nesihlomelo esinye.

NCV

IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 180

IMIYALELO KUNYE NENGCACISO

1. Phendula YONKE imibuzo
2. Eli phepha linamaCandelo amaHlanu.
3. ICANDELO A: ISICATSHULWA
   ICANDELO B: ISISHWANKATHELO
   ICANDELO C: IKHATHUNI
   ICANDELO D: ULWIMI NGOKUSEMXHOLWENI
   ICANDELO E: EZONXIBELELWANO
4. Fundisisa YONKE imibuzo.
5. Nombola yonke imibuzo njengoko inonjoliwe kwiphepha lemibuzo.
6. Bhala yonke imibuzo kwiphepha ELITSHA.
7. Krwela umgca phakathi kwemibuzo.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

NCV

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

'BHOTA NONCEBA

1. Wala nje ukuba uNonceba ayishiye ibhulorho le yasedolophini eGcuwa, waphuma ngasekunene elanda indlela yenqwele leyo iya kwaCentane. Lalishushu ibandezi laloo mini. Wayeziva ediniwe kakhulu kuba loo ndlela yonke ukusuka eNtlambe ukuya eGcuwa wayeyihambe ngeenyawo, ngoku ke wayephinda kwangazo ethwele izinto-yinto abeye kuzinkinkqa edolophini. Wayengayinikwa imali yokukhwela isithuthi ngoba esithi unina kukufutshane edolophini. Imali awayeyinikwa yayilinganiselwa ezo zinto aya kuzithenga. Kwaye kwakufanele ukuba imali ayisebenzise njengoko eyalelwe ngunina okanye afumane isohlwayo esiqatha.

2. Kwala kanye ukuba abe sesinqeni seqhina elo, weva ukuba ikho le moto ingasemva kwakhe, wathi cebu ecaleni ephepha uthuli. Ithe nje ukuba idlule kuye, yema kwehla inzwana yomfo efanelwa ludevu lwayo, enwele zimnyama khaca, phofu yona ikhanya ngebala. Uchwenene womfo. Lo mfo wayenxibe umbhiqo ongwevu, nehempe emhlophe engenabala, efake izihlangu zofele lwedonki, emehlweni enxibe iiglasi ukunqanda imitha yelanga. Lo mfo weza kuye seleneke izandla kade, ekhongozele loo mithwalo yakhe. Nto imothusileyo umntwana kukuva lo mfo esitsho ngezwi elimnandi encumile, 'Bhota Nonceba!' 'Bhota Bhuti,' wafana watsho ekhohliwe.

3. Loo mithwalo yohluthwa phofu ngobubele esala nayo yena, yafakwa phaya ngasemva emotweni, waza yena wavulelwa ucango leli nene kwisihlalo esingemva apha emotweni; kuba ngaphambili kwakuhleli inenekazi elivathe ezimaweza. Akazange awaphakamise amehlo akhe uNonceba akubona ukucoceka kwale moto, ngaphakathi kukhala ibhokisi yeendaba zomoya. Yhuuu! Andimdaka nkosi yam. Wacinga ngalo maxabashishi eembadada angawenzanga ngokupheleleyo umsebenzi wawo, wokugquma ezo nyawo zizele uthuli, engasathethi ke ngemilenze ebikhe yadibana namafutha.

4. 'Nonceba sithandwa, ingaba ikhona imfuneko yokuba uzenze inkamela ngomthwalo ongaka? Ngani ukuba ungaxeleli utata abophe inqwelo yoondlebende ize kuphuthuma le mpahla? UNonceba wakhetha ukuthula kuba wayengaboni zintloni ekubeni athwale entloko, isiqhuma sombona, abeleke emhlana esinye, ngengalo yasekhohlo ajingise ubungxowana, eli xa phantsi kwekhwapha langasekunene wayenomgodlo wembewu yeetapile. Umntu akasindwa ngumthwalowakhe inene.

5. Le nto yokubona udade wabo kule moto yamothusa kakhulu uNonceba. Udade wabo uFuneka wayelinenekazi lodumo, ehamba kweziphambili iindawo. Into eyammangalisayo uNonceba yeyokuba kubafana bonke balapho eGcuwa wayengekho unesivetyuma esinjalo semoto. waze ke wamangaliswa kazi bahlangene phi na noFuneka. 'Nonceba sihlobo mandizazise kuba ndiyabona uFuneka akafuni kundazisa. NdinguLindile Fumana mna: ikhaya lokuzalwa laliseMatatiyela kwesikaNcanywa, kwilali yasePholile. NdiliBhele lakwaKhuboni.Ngoku ndihlala eBhayi kuleya lokishi yakwaZakhele. Sithenge umhlaba pha entla kwakowenu. Sifike izolo. Udade wenu lo sihlangene kusasa ukuya kwakhe edolophini, ndincedwe nguye ukundalathisa iindawo.

6. UFuneka lo wayekhule efekethiswa eliqanda esenzelwa yonke into ngudade wabo omncinci uNonceba elivila elaziwayo, kuba wayengumafungwashe, enemfundo eyayingaphelele ndawo. UFuneka wayengamboneli ntweni uNonceba ephakamile, enekratshi engamboneli ntweni umntu. UFuneka wayengumntu owayethanda ukuzidibanisa nabantu abakumgangatho ophezulu, nangona wayengafundanga. Impatho gadalala eyayifunyenwe nguNonceba kowabo yayinganyamezeleki.Wayengazange walifumana ithuba lokudlala nabanye abantwana. Wayengalifumani ithuba lokuphumla. Wayethi esegadini abe esehlathini aye kutheza, agqibele ngokucoca indlu aze apheke. Bathi nje ukuba bafike ekhaya wabe lo mfo selephandle eququzela ekhupha iimpahla ezo zikaNonceba. Wamphathisa wayokuzibeka endlwini yokuphekela. Wavalelisa etsho ngolu ncumo, eshiya uNonceba engakhange akwazi nokumbulela.

7. Akufika emotweni yakhe phaya ebaleni, wagangwa yileya nzwakazi inguFuneka se imbuza ukuba angathini ukuya kungena ekhitshini, ngakumbi kulaa Nonceba ungakhathali nokuba kumdaka kangakanani na kanti yena uthanda ukuba kucoceke xa aza kusebenza khona. Wamnkqikela ilitye elineembovane uLindile uNonceba, kuba wangxoliswa ngamandla. Walilisela ngobuxelegu bukaNonceba. Wathi uLindile akuva ukuba eli nenekazi linje liyaya nalo ezimbizeni, akabi nakuzinceda ukuba abuye akhangele ezo nzipho zinde okwezokhozi zaza zaqatywa bomvu. Akwabikho nto naseminweni intama ukutshiswa yimililo, nokusikwa ziimela xa kusikwa naxa kunqunqwa mhlawumbi kuchutywa iitapile. Kwangoko wajonga kwezakhe, wabona apho ebetshe kanye ngaloo ntsasa xa ebesusa imbiza yobisi esitovini kuba lwabila lwaza lwaphalala.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Bhota Nonceba' nguBB Mafuya, amaphepha 1–3 yaza yalungiselelwa uviwo]

QAPHELA: Phendula yonke imibuzo usebenzisa amazwi akho ngaphandle kokuba uyalelwe ukuba ucaphule.

UMHLATHI 1

1.1 Ngokwesicatshulwa lalikweyiphi idolophu nelali ikhaya likaNonceba? (2)

1.2 Xela isizathu esasibangela ukuba uNonceba azive edinwe kakhulu ngalo mini. (2)

1.3 Zizathu zini ezazibangela ukuba uNonceba angakhweli xa esiya edolophini? Nika zibe zibini. (2)

1.4 Nika intsingiselo yegama **ukunkinkqa** ngokwendlela elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa? (2)

UMHLATHI 2

1.5 Bhala esi sivakalisi singezantsi ngamazwi akho?

'Uchwenene womfo.' (2)

1.6 Ibinzana 'selaneke izandla kade' lithetha …

A Ububele
B Ukumsizela
C Ukukhathazeka
D Ukudideka (1)

UMHLATHI 3

1.7 Ucinga ukuba sesiphi isizathu esasibangela ukuba uLindile ayohluthe ngobubele loo mithwalo angaceli mvume kuNonceba? (2)

1.8 Yinyani okanye bubuxoki. UNonceba wakonwabela ukukhweliswa kule moto? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula isivakalisi kwisicatshulwa (2)

1.9 Chaza umohluko phakathi kwamantombazana awayekhwele kule moto. (2)

UMHLATHI 4

1.10 Chonga igama lesilwanyana kwisicatshulwa elibonisa ukuba uNonceba wayephethe imithwalo enzima engafanele ukuthwala ngabantu. (1)

1.11 Bhala iqhalo elithetha into enye nesivakalisi esibhalwe esibhalwe ngqindilili. Liqale ngolu hlobo (Indlov …) (2)

UMHLATHI 5

1.12 Ucinga ukuba sesiphi isizathu esibangela ukuba uFuneka angamazisi uNonceba kulindile? (2)

1.13 Zinto zini ezibonakalisa ukuba uLindile noxa wayekhulele eBhayi izithethe zakhe wayesazibambile nika zibe mbini. (2)

1.14 Sizathu sini esasibangela ukuba uFuneka abe kulo moto ngoku kaLindile? (2)

UMHLATHI 6

1.15 Chonga izinto eziNe ezibonisa ukuba uNonceba wayephatheke kakubi kowabo. (4)

1.16 Ukuba ubukule meko kaNonceba ubuza kuzikhupha njani? Cacisa. (2)

1.17 Nika isichasi segama 'ivila' ulisebenzise kwisivakalisi. (2)

1.18 Kukuthini ukuba nekratshi? (2)

UMHLATHI 7

1.19 Yintoni eyayibangela ukuba uLindile angakholelwa ukuba uFuneka uyapheka kowabo? Nika izinto zibe mbini. (2)

1.20 Kwezi ntombi zimbini yeyiphi efanele uLindile? Xhasa impendulo yakho ngokujonga isimo sikaLindile uzekelise ngezinto ezintathu ezifumaneka kwisicatshulwa. (2)

1.21 Nika isithethantonye segama 'lwaphalala'. (2)

1.22 Chonga ibinzana elibonisa ukuba unoNceba waba senkathazweni ngokuvumela ukuba uLindile makangene ekhitshini ellimdaka. (2)

1.23 Yayizeziphi izizathu ezazibangela ukuba uFuneka afekethiswe kowabo? (2)

1.24 Beka ngawakho amazwi le ntetho.

Akwabikho nto naseminweni intama ukutshiswa yimililo. (2)

1.25 Caphula isivakalisi esithetha ukuba waye soloko ekhalaza ngobuxelegu bukaNonceba. (2)

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda ngocoselelo isicatshulwa esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kulindeleke ucacise imidlalo yemveli eyohlukeneyo nendlela eluncedo ngayo eluntwini.

IMIYALELO

- Bhala umhlathi oneshumi leengongoma ngemidlalo yemveli eyohlukeneyo noncedo lwayo.
- Bhala isihloko esahlukileyo kwesi sikwisicatshulwa.
- Sebenzisa amazwi akho, uyakuthathelwa amanqaku ukuba usisebenzise ngobunjalo baso isicatshulwa.
- Musa ukugqithisa amagama kulawo uyalelwe ukuba uwabhale. Bhala inani lamagama owasebanzisileyo ezantsi kwesicatshulwa, ulifake kwizibiyeli.

Ulwabiwo lwamanqaku olo mbuzo:

UMXHOLO	ISAKHIWO	USETYENZISO LOLWIMI	EWONKE
12	3	5	20

IMIDLALO YEMVELI

Kudala kwakudlalwa imidlalo eyahlukeneyo. Le yayindlela yokuzonwabisa nokugcina ixabiso leenkolelo, amasiko nezithethe zethu ezisahlula kwiindlela eziqhuba ngayo ezinye iintlanga. Kwakukho imidlalo yabantwana abancinci, eyamantombazana neyamakhwenkwe. Le midlalo ibidlalwa ekhaya, kwaye yayisiphuhlisa isakhono anaso umdlali. Eminye imidlalo yayibethelela indlela eyamkelekileyo yokuziphatha, nokuba umntu ngamnye azazi imvelaphi yakhe noxanduva analo lokugcina iinkolelo nezithethe zendawo ahlala kuyo.

Imidlalo yabantwana eyayixhaphakile yayingoonopopi. Aba nopopi babesenziwa ngemipha nezinti baze banxityiswe iilokhwe ezenziwe ngamalaphu ashiyeke kulowo ebethunga, okanye amalaphu amadala. Ebeyekwa umntwana athunge iimpahla zoonopopi bakhe, kanti oku kuya kumenza abe ngumsiki odumileyo xa sele emdala. Omnye ubede aphile ngokuthunga kube sisonka sakhe. Lo mdlalo ububethelela ukuba amantombazana naxa sele ekhulile azi ukuba akulunganga ukufumana umntwana ungatshatanga

Amantombazana asele ethe dlundlu ebezidlalela imidlalo enjengopuca phaya phandle. Upuca ke ngumdlalo odlalwa ngokusebenzisa amatye umntu ehleli phantsi.Uzoba isingqa emhlabeni, uze ufake amatye alishumi elinesibini kwisangqa eso. Lo uza kudlala uphatha ilitye elikhulwana kunala akwisangqa. Ilitye elo ekuthiwa yingqanda. Kuza kudlalwa ke ngoonkabi, kude kushiyeke intshatsheli ephume phambili ukudlala. Lo mdlalo ubufundisa ukuba umntu akwazi ukuncekelela de aphumelele. Omnye umdlalo obuthandwa gqithi ngamantombazana ngugqaphu.

Imidlalo yamakhwenkwe ibiquka ukuzingela iintaka endle nasehlathini. Obambisileyo ebeziqashela kuqala indawo aza kuyifumana xa sele yojiwe loo ntaka. Mve omnye esithi, ndimfuba, ndimnqe njalo njalo. Oligwala ke ebenikwa ezo nyama zingaqashwanga ngamanye amakhwenkwe zifana nemilenze okanye amaphiko nentloko. Umdlalo weentonga ibingomnye umdlalo oxatyisiweyo. Lowo ke umdlalo ubunobuqatha kuba bekusiliwa ngeentonga. Bekuphalala igazi ingakumbi xa kudibene izinto bezikade zizondana. Bebegqebhana iinduma, baze kwabona babuye bachabane ezo nduma ngasebuhlanti. Kule midlalo ibibonakala apho inkwenkwe eyomeleleyo neya kumelana neenzingo zobomi. Ngale ndlela inkwenkwe ibifundiswa ukomelela.

[Icatshulwe kUkhanyo: S Dlephu, N Dywili, S Naile noF Sotashe 12 iphepha 100, yaze yalungiselelwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C:

UMBUZO 3: IKHATHUNI

Funda ikhathuni ekwisihlomelo (esincanyathiselweyo) uphendule imibuzo.

3.1 Kwenzeka ntoni kule khathuni? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

3.2 Ungathi ngubani lo uhleli etafileni? Kuba kutheni. (2)

3.3 Le ndlela athetha ngayo lo mntu ibonisa:

A Ukukruquka
B Ukudelela
C Ukoyika
D Ukuvuya (1)

3.4 Bhala ngawakho amazwi le ntetho icingwa yindlovu 'Suka! Unedolo' (2)

3.5 Ucinga ukuba kutheni indlovu isithi umntu ohleli ngaphambili unedolo? (2)

3.6 Yintoni ingxaki yezilwanyana sezide zifumane olu hlobo lovavanyo? (2)

3.7 Ucinga ukuba le ntetho yalo mntu uhleli etafileni yintetho ebonisa ukhetho olukhululekileyo nyani kwezi zilwanyana? (2)

3.8 Ucinga ukuba sesiphi isilwanyana esinokuphumelela olu gqatso kuba kutheni? (2)

3.9 Ukuba ubungulo mntu uhleli ngaphambili ubuza kulenza njani ukhetho lube lolukhululekileyo kwizilwanyana zonke? (2)

3.10 Ingaba izilwanyana ziyonwabele lentetho yalo mntu ngokwenkangeleko yazo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.11 Nika amagama ezilwanyana ezibini ocinga ukuba azinako ukuluphumelela olu gqatso. (2)

3.12 Sebenzisa igama idolo kwisivakalisi singabinale ntsingingiselo ekwikhathuni. (1)

3.13 Chonga isimelabizo sibe siNye kwintetho yomntu wokuqala. (1)

3.14 Ulusebenzise njani umzobi uphawu lokukhuza kwiingcinga zendlovu. (2)

3.15 Kuphi kule ndawo zikuyo izilwanyana? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

3.16 Yipha le khathuni isihloko ungagqithi kumagama amathathu. (1)

3.17 Xoxa ngemfundiso oyifumana kule khathuni. (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: ULWIMI NGOKUSEMXHOLWENI

UMBUZO 4

Fundisisa isicatshulwa esilandelayo uphendule imibuzo.

ULINDA MTOBA USHIYE IKLASI

1. Ndizalelwe ndakhulela eMlazi, eKZN. Ndingumntu oqavileyo; ndingathi nje ndinochatha weempawu zaseDisney kuba ndiyaguquguquka, kwaye ndinobuntwana. Umama uligwiba lam. Siyafana kakhulu, kwaye ungumhlobo wam osenyongweni. Usapho lwam lungabantu abathanda ukudlala kwaye sisoloko singabantu abonwabileyo. Ndicinga ukuba ndifuzile nangokuthanda abantu.

2. Bendonwabile, ndisakha isakhono sam sobutitshala, ndaze ndaxelelwa ngumhlobo wam ukuba kukho uvavanyo lweSibaya, wandikhuthaza ukuba ndilungenelele. Ndiqale ndathandabuza kodwa ndagqibela ndiyile; ndafumana indima. Nangona bekunzima ukuyeka ukutitsha kundenze ndalungela ukulinganisa. Ndandifundisa iBanga 1 ukuya kwiBanga 5, kwaye xa ufundisa kufuneka udlamke, ukuze abantwana babenomdla. Ngoko ndandisoloko ndilinganisa iindima ezohlukeneyo. Ukufundisa kundifundise ukuthetha, ukukhwaza nokonwabisa ekuzizinto ekufuneka ube zizo xa uyititshala. Kundincede nangokukwazi ukugcina amazwi omlinganiswa wam kuba bekufuneka ndizilungiselele xa ndiza kufundisa. Ndingathi nje injongo yobomi bam indifumene ndingekayikhangeli. Into xa kuyeyakho yeyakho, kuye kwanjalo ke kum.

3. Ukuya kwam ukuyovavanyelwa umlinganiswa onguNtombizama 'Zama' Ngwenya, bebebaninzi abantu abanamava, kwaye mna ndingenawo. Ndaye ndanikwa imvelaphi ngomlinganiswa wam nokuba kulindelwe ntoni n akum. U-Abdul Khoza, odlala indawo yomntakwabo Zama, wayekhona naye kuvavanyo kwaye wenza kwalula kum ukudlala le ndima. Walwenza uvavanyo lwangathi yinyani, kwangathi asilinganisi.

4. Ndingqongqwe ngabantu abakhulu abandikhuthazayo emsebenzini. Andiwazi amaqhinga okulinganisa, ngoko mna xa ndilinganisa ndisebenzisa iimvakalelo zokwenyani – akuyonto ndiyifundeleyo. Ndithatha loo nto ibhaliweyo kwintetha yomlinganiswa wam, ndizifake ezihlangwini zakhe, nangona ngamanye amaxesha kungeyonto endiyiqondayo. Ndiye ndimbumbe umlinganiswa wam ndisebenzisa amava omhlobo wam owakhe wakwimeko efana neyakhe.

5. Ndandikhe ndaya kuvavanyo lokusasaza kuba ndikuthanda ukuthetha kodwa hayi ukulinganisa. Bendingazi nokuba yinto endingayenza, andizange ndakucinga, kodwa lithe lakuvela ithuba ndalixhumela. Ndingathanda ukucula nangona ndinelizwi elibi. Ndinombulelo ongazenzisiyo kwaye ndibona izinto zisenzeka phambi kwam. Ndiyabona ndiyakhula njengomlinganisi. Ndizixelele ukuba ndiza kuthi chu ndenze izinto ngesantya sam. Kule ndlela ndifunda ebendingazazi ngam. Ngoku ndiyazi ukuba amathuba maninzi kwaye akufuneki ndizakhele imida

[Icatshulwe kwiBona magazini yeyeNkanga 2016 yalungiselelwa uviwo]

4.1 Shwankathela ngokufutshane okuqhubeka ebalini. (2)

4.2 Ingaba uyavumelana nesigqibo sikaLinda Mtoba sokulahla emsebenzini wobutitshala? Xhasa impendulo yakho. (4)

4.3 Funda esi sivakalisi esilandelayo:

'Ndingumntu oqavileyo; ndingathi nje ndinochatha weempawu zaseDisney kuba **ndiyaguquguquka**, kwaye ndinobuntwana. Umama uligwiba lam.' (kumhlathi 1)

4.3.1 Guqula isivakalisi sibe kwingxelo-ntetho. (4)

4.3.2 Guqula isenzi esibhalwe ngqindilili ngasentla (ku- 4.3) sibe sisifanekisozwi usisebenzise kwisivakalisi ngokuchanekileyo. (4)

4.3.3 Unikwe iimpendulo ezahlukileyo zombuzo ongezantsi. Khetha eyona mpendulo ichanekileyo ubhale unobumba kuphela (A–D) ecaleni kwenombolo yombuzo (4.3.3) KWINCWADI YOKUBHALA IIMPENDULO.

Ithini intsingiselo echanekileyo yegama uligwiba kwisivakalisi esingentla?

A Lutshaba
B Sisizalwane
C Ngumkhuseli
D Yitshomi (2)

4.4 Funda esi sivakalisi esilandelayo:

'Bendonwabile, ndisakha isakhono sam *sobutitshala*.' (kumhlathi 2)

4.4.1 Guqula isivakalisi esingentla sibe kwixesha langoku. (2)

4.4.2 Nika isichasi sesenzi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingentla usisebenzise kwisivakalisi. (4)

4.4.3 Guqula igama elibhalwe bukekela kwisivakalisi ngasentla libe sisenzi usisebenzise kwisivakalisi esitsha. (4)

4.5 Fundisisa isivakalisi esilandelayo:

'Ukuya kwam ukuyovavanyela umlinganiswa onguNtombizama 'Zama' Ngwenya, bebebaninzi abantu abanamava, kwaye mna ndingenawo. '(kumhlathi 3)

4.5.1 Nika isithetha-ntonye sesibizo esikrwelelweyo kwisivakalisi usisebenzise Kwisivakalisi esitsha. (4)

4.5.2 Kutheni igama likaZama lifakwe kwiimpawu zocaphulo? (2)

4.6 Funda esi sivakalisi esilandelayo:

'Ndinggongwe ngabantu **abakhulu** abandikhuthazayo emsebenzini.'

4.6.1 Nika izithetha-ntonye zamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingentla. (2 × 2) (4)

4.6.2 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingentla usisebenzise kwisivakalisi esitsha. (2)

4.7 Fundisisa isivakalisi esilandelayo:

'Ndizixelele ukuba ndiza kuthi **chu** ndenze izinto ngesantya sam.' (kumhlathi 5)

Guqula isifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingentla sibe sisenzi usisebenzise kwisivakalisi esitsha. (2) **[40]**

NCM

ICANDELO E: EZONXIBELELWANO

UMBUZO 5

Fundisisa ISIBHENGEZO-NTENGISO esingezantsi uphendule imibuzo.



[Icatshulwe kwiBona magazini yeyeNkanga 2016 yalungiselelwa uviwo]

5.1 Kwisibhengezo-ntengiso kuthengiswa ngeemveliso zobuhle.

5.1.1 Ziziphi iinkampani ezintathu ezithengisa iimveliso zobuhle? (2 × 3) (6)

5.1.2 Yiyiphi imveliso efumaneka kwiikhemesti zakwaDis-Chem? (2)

5.2 Ijoliswe koobani intengiso yezi mveliso? (2)

5.3 Cacisa ubumbolombini bentsingiselo yebinzana elilandelayo:

'Ilizwe lobuhle.' (2 × 2) (4)

5.4 Matanisa imveliso EKUKHOLAM B nomsebenzi wayo EKUKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
5.4.1	Imanzisa isikhumba sakho, ize ipholise ukushwabana	A	African Extracts Purifying Dual Phase Eye make-up Remover
5.4.2	Isusa imascare, i-eyeshadow ne-eyeliner kuba iliso libuthathaka	B	Garnier Micellar Oil-infused Cleaning wipes
5.4.3	Zisusa i-make-up kunye nokungcola okushiyekileyo ebusweni bakho	C	Clinique Pep-start Hydroblur Moisturizer

(3 × 2) (6)

5.5 Cacisa ulwimi olusetyenzisiweyo kwisibhengezo-ntengiso ngebinzana elithi.

'Intsha, iyasebenza, isuka kuthi isiza kuwe.' (2)

5.6 Caphula imizekelo ibe mihlanu yolwimi olulukuhlayo olusetyenziswe kwisibhengezo-ntengiso. (5)

5.7 Ucinga ukuba esi sibhengezo-ntengiso siphumelele ukufezekisa injongo ebesisetyenziselwa yona? Phendla uthi EWE okanye HAYI unike isizathu ESINYE sempendulo yakho. (3)

[30]

UMBUZO 6

Fundisisa IKHATHUNI engezantsi uphendule imibuzo.



[Icatshulwe kwiphephandaba Isolezwe lange27 eyeDwarha – 02 eyeNkanga 2016 yalungiselelwa uviwo]

6.1 Ngubani igama lomzobi wekhathuni? (1)

6.2 Isinxibo esithile siyamdiza umntu into ayiyo ngokwasentlalweni. Ungamchaza umlinganiswa kule khathuni njengeKumkani okanye njengoMphathiswa weSebe likaRhulumente? (6)

6.3 Inkangeleko yobuso ityhila ntoni ngomlimganiswa? (2)

6.4 Nika igama lomlinganiswa. (1)

ISIHLOMELO



[Icatshulwe ku-googleimages.com yalungiselelwa uviwo] **[10]**